J. HILNER,
Umenzi ventsimbi zamaxesba, E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemiaesane njalo njalo.

Unantlobo ntlobo zemisesane, iwotsbi,

Nentaimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxeaha ae.

KUFUNEKA.

ITITSHALA EZINTATU ezineziqiniselo. — 1. Enye Etembeni, umvuzo £50 ngonyaka, intsapo iku 80 kuko nomncedisi. —Enye e Krom Hoek, umvuzo £40, intsapo iku 50.— Nenye Ebisa, umvuzo £45, intsapo iku 45.

Bhalelani ku REV. W. 8. DAVIS
Etembeni, Umzimkulu.

IMVO ZABANTSUNDU
(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.]

[IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, DECEMBER 9,1885. [No. 58.

[LIHLAULELWA 3Gs. NGANYAN&A NTATU.

AMALAHLE ASE NDWE.

A BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.
Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani.
Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

AMAZIMBA

NE

MBEWU YOMBONA OBOMVU,
INTLOBO EZILUNGE KANYE.

KANJAKO

UMBONA OXABISO LILULA -WOKU DLIWA

JOHN J. IRVINE & CO.

Nantso int' obukade uyifuna !

Kuyafunwa ! Kuyafunwa ! Kufunwa!
IWAKA LABANTU!
Ukuba liyekuhlola amaxabiso endiwarolayo

NGEZIKUMBA NOBOYA,

Nempahla etengiswa tshipu ngokumangalisayo.

Kanize kuzilingela, kuqinisekile ukuba nobuya nize. Abasebeke beza banelisiwe.

Ndicela abanoku funda ukuba batyele abangenako. Ningayilibali indawo endikuyo

Kufupi nomzi omdala ka MSESANE,

Endleleni yomcancato we Nciba eya e Ngqamakwe. Ndikwali Gosa le "MVO ZABANTSUNDU."

P. H. POTTOR.

Ikhuba Litengwa Ngokubonwa

BANTSUNDU
Yizani nityebise amehlo enu kwi mpahla entsha esandu'kuflka kwa PASCOE!

ITYALI EZINTLE (ezifanele abatshakazi).
IPRINTI ezikanyayo, ezimdaka, nezi mfusaziqala kwi 3d. nge yadi.
IHEMPE, I LINZI, NE MATRASI, eziqala kwi 3d nge yadi.
OMATRASI ABASETYENZIWEYO, ne Keleko iyadi ezi 5 nge sheleni enye
ITYALI ZOBOYA, inani ziqala kwi 2/6, ezimyama ziqala ku 2/3
Ofani ngofani bento yokunxitywa ezifanelekele ukutshintsha.
Ingubo zomtshato esezenziwe, jenokwenzelwa ofunayo ngexesha elifutshane.
Iseteni (silika) ezimhlope eziqala kwi l/d nge yadi.
Isetina ezimabala ziqala kwi 7|d nge yadi.
I-Alpaka ezimhlope, intyantyambo zomtshato, kunye nezigubungelo.
Iqiya zase France (French Merino) ezimnyama nezi mabala.
Unonelelo olukulu luyenzelwa abantu abazakutshata.
Ingubo zamanene, Ihempe, ihempe Zangapantsi ikawusi, amaqina njalo, njalo.
Isuti zamanene eziluhlaza inani ziqala kwi 21/ isuti ipela.
Impahla yakwa PASCOE icina ilanga.

Paulani amagama ka PASCOE
AMADODA ati ngu SIGINGQI.
ABAFAZI bati ngu SILINDI.
UMTEKETISO ngu FOLOKOCO.

C.MUSGROVE.
OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU,
Kwindlu Ekangelene no W. 0. CARTER & CO.,

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali \encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjenga- manzi nezinya ezibululayo.

C. J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,

W. F. S. BOOTY.

Umteteleli kwi Nkundla yamatyala e-Komani. Umlungisi wemicimbi nayipina esingisele ematyaleni nakuyipina inkundla apa kulo mandla. Ungumkuseli kwabana. matyala, waye kananjalo ebiza

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi esesitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

E. QONCE

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika,

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkelua nguye azitumele kuma- calana onke e-Koloni.

Unombona omhle kunene ovela

Kaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu leli lizwe lengqa-qambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

Likwaluncedo olukulu kukutyatyaniba Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.

Benjenje ukulincoma nbake balilinga: —

"Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni besendinenyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiaalile ukulisela, ndapumla kamnandi ebusuku, into ebendineveki ndi-ngasayazi, ngoku ndipilile."

Wenjenje wiimbi: —"Eliyeza lindipilise ngokunguniangaliso. Bendibulawa sisinqe inyanga ezintandatu kangangokuba beku-suka kube yinqaba ukuma ukuba ndike nda-hlala. Bendingasena kutoba kuba bendi-lugeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."

Omnye uti: —" Benditwele ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheuma-ticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindi-

Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke izindlu zamayeza, nevenkile, otandayo angaliumana kumninilo ngokutumela 3s. *6d. ngebotile, ongu*

JAMES JONES,

46 LONG STREET, CAPE TOWN.

Iveki.

IZIKOLO zentsapo zivalwa ngolwesi-Ne weveki ezayo (17 Dec.,)

KUVAKALA ukuba u Massowu inkosi ya Barolong kwela Mabhulu ibulewe edabini na Mabhulu. Umzi wake i Mamusa utinjiwe.

ISIKULA sentombi sase Ncemera, Peelton sivalwa ngo Mvulo ozayo (14 Dec.)

U SAKA, Umxhosa wakwa Bhaca owagwetyelwa ukufa yi jaji apa e Qonce uyakuxhonywa ngomso (10 Dec.,). Amabhaca amane nenkazana u Tapsy (eyabulala usana e Mtonjeni) basebeya kuhlala nbom babo bonke entolongweni.

AYABANGOZWA amabandla atabata *Imvo* ukuba aqoshelise ukuyitumela imali yalonyaka ngalenyanga.

UMPATI mikosi ye Nkosazana elapa emazantsi e Africa, u General Torrens wamnkelwe ngemigcobo ukufika kwake e Bloemfontein kwela Mabhulu ngo Mgqibelo.

I RULUNELI u Sir H. Robinson ufike e Rini ngo Mgqibelo, wamnkelwa ngemigcobo.

ISIMNARI yase Lovedale ivalwa ngo-Iwesi-Tatu (16 Dec.) lweveki ezayo. Amabhaso ayakwabiwa ngalomhla.

NGENXA yezipitipiti ebezise Rode Emampondweni indlela eya e Kokstad esuka Emtata ivalwe kanye.

ISIKOLO sase Nxukwebe (Heeld Town) sivalwa ngolwesi-Hlanu (18 Dec.) lweveki ezayo.

INKOSI engu Madikizela yase Mampondweni, yesizwe sama Ngutyana, inonyana abamashumi asibozo nentombi ezimashumi mane anantlanu. Sihamba apo isitembu. Omnye wabafazi balomnumzana ngudade bonkosi n Mqikela.

UMBONA e Maritzburg Natal uhamba kwi 12s. ne 12s. 6d. ngenxowa.

INGXOKOLO yesipango ine ngase Qugqwala nase Ntsikizini ngo Mvulo ogqitileyo. Yazala lomifulana imelwe ngo Ratazayo noma Ngqoko. Ibhubhise kunese emasimini.

IBANDLA elipete imicimbi yemfundo e Natal lipe isikolo sase Manzimtoti i £15

Mzi imali, imali, imali ye *Mvo,* kwangoku.

ANGAMAKULU amabini amadoda aqalileyo_ukusebenza kwindlela eyenziwayo esuka kwa Komani eya e Kokstad.

KUNYULO kwela Mangesi oluhambisekayo impi ka Mr. Gladstone ibiseike yanamkhulu amatatu anamadoda alishumi linanye, eka Lord Salisbury ibiku 244, eka Parnell imashumi matandatu anesixenxe.

NGU Rev. H. J. Mitchell wase Sidutyi- ni uzakutabata indawo ka Rev. T. Chamberlain, M.A., e Dikeni. U Rev. Chamberlain utabate indawo ka Rev. William Impey e Monti.

UMBONISO omkulu wento zonke zeli lase South Africa uyakuvulwa yi Rulu- neli u Sir H. Robinson ngomso (10 December) e BayL

U MR. WILLIAM HAY, obeke engumhleJLwe *Cape Mercury* ukangelwe uku- ba alike apa e Qonce ngokuhlwa nje eve- la e England. Elapesheya limkupe ngo- kubanda.

NINGALIBALI, ningakudukiseli kanjako ukutumela inkozwana ze *Mvo* ngayo lenyanga.

ABABANJWA abase Kapa bake ngaleve- ki behla iyelenqe lokuzimela. Lifunyenwe lingekehli. Kanti bebesebehlanganise ififi zokutsheca imixokelelwano ukuze bakukululeka bawele amadindala balimpempete.

KUTABATA iyure ezimashnmi mane ngoku, ukusuka apa ukuya e Dayimani.

Imvo zabantsundu.

NGOLWESITATU, DEC. 9, 1885

ABISIMELE E PALAMENTE. UMHBALELI wepepa lose Komani walata into yokuba nakubeni umzi onga Mangesi na Bantsundu udubeke kangaka lufuduselwa aBatembu, nempato ebu- kepu abayifurneneyo ku Mr DE WET—yonke lento ngenxa ka Mr. JOHN FROST (U FOLOSI)—ingati kuvotwa apa ngomso yonke lempi ime kwakona kwanjengenx' engapambili. Uquba lombhali angene ekutini maninzi amalungu angayinoneliyo imfanelo namalu- ngelo abo basukuba bebanyulile. Atsho ati nguye lo i u Mr. J. P. « BERTRAM owanyulwa ikakulu zivoti " zabantsundu ubepina ngelixesha limdaka? Yeyona ndlela abonisa ngayona umbulelo wake kwabantsundu abanyuli abamnyulayo? Bekutenina ukuba angabi ngopambili ingomayo ukubafumanela "imfanelo zabo." Akukov' ukwenjenje lombhali uyibhekisa ku Mhleli we Mvo *zabantsundu* into Jleyo. Siyayitakazela ke.

-WOT :

lyinyaniso yona into yokuba ixesha elide amawetu seloko evota esenkungwini enkulu malungana nento ayenzayo: oko ebesuka adle izisu zibe bomvu mhla kuvotwayo atenjiswe into ezitile ekutiwa ayakwenzelwa zona :—wambi amadinga engawohlobo lokuba angeze aze azaliseke —ibiba kwanele kwinto zakowetu. Bebengavotela u Mr. SPRIGG nokuba ngu TSHAMBULUKA ngentliziyo exole njengokuba bebengavotela u Mr. SOLOMON, u Mr. INNES nokuba ngu Dr. BERRY okokuba u SIPILIGI no TSHAMBULUKA bangavumayo ukurola amadinala, oko — nanamhla kusenjalo kwezinye indawo—kontsundu Ingesi ibi Lingesi kungakatalelekile nokuba lingumhlobo oko limhlope lifana namanye. Ako na Mangesi anjalo angateni necala ongakulo lowo ufuna esiwe e Palamente. Asikumbuli nto waka wayenzela uluntu u FOLOSI, ukuba ade atenjwe ngabantsundu ukuba aye kuba ngummeli wabo e Palamente Kodwa amadoda angamaciko nafahelekileyo afana no Dr. BERRY asuke emana ukugqitwa engacelwe ukuba aye e Palamente aye kuteta, kodwa u FOLOSI enqakwa yimpi yakowetu, usuke ke yena watengisa ngabo ngenkobe zelentile. Elixa ke umzi wakowetu okwelipezulu ute nqa yilento, lelixa tina siti mababulele ukuba oku kungabahlelanga ngapambili.

Ukuba oluhlobo bangcatshwe ngalo abantu abantsundu ne-Mangesi esitili sase Komani sipelele ekubavuleni amehlo ukuba benze ngentelekelelo ngexesha elizayo, impato yabo embi yoba ibafumanele itamsanqa. Mabakunyanekele ukutumela amalungu abawatembe kanye e Palamente, into ezinje ngamabenabentsu ase Komani azingehle.

Mayelana ke nokuti cwaka kuka Hon. J. P. BERTRAM, M.L.A., sisati tina nquba into ebihanjiswe ngabanye. Kweli lizwe amadoda ase Palamente abonakala engazikatazi ngelixa i Palamente ingahlangeneyo, abangabantu wona yokuhlangana. Awa njalo Pesheya, ngete sisaqala esi siduba-ntini sikoyo empatweni yabantsundu ayeselekalima amadoda e Palamente angavisisaniyo nokuhanjiswayo. Apa atule. Lento yimposiso, kuba iti ihlangana i Palamente babe abantu sebegqiyiwe ukucitwa. Isanceda ntonina ke inteto ye Palamente. Nanku u Mr. DE WET efeketa ngabantu abantsundu, edlala ngenkosi zabo ebacunukisa ngendlela zonke Nanku ecite imvumelano no Rulumeni wa Pesheya ngokuba utywala bungatengiswa kwabantsundu ba ! Pesheya kwe Nciba, akuko mntu ukalimayo. Amalungu mawahlangane nabanyuli bawo ngamaxesha amdaka anjengala. Sincoma impi yase Dikeni neyase Ngqushwa eyazinyulela umfana ka INNES omana eba hambela, kodwa akwaba ebeze ngelixesha upitizelayo umzi ukuzakuwopula.

Amanqaku.

SIYAVVYA ukuti uyaqala ngokn uyayigxo- ta indlala umzi. Ingqolowa sezibafumene abanye. Kwezinye indawo azibanga nje. ngako zibe zikungelwe ngenxa yemvuia. Itapile zisizile knnene. Eli asililo ixesha 'lokuprofeta ngombona namazimba kuba na- kuba ezonto zintle ngokukodwa lisegama ixesha lazo. Siyawuncoma umzi kuba ubo- nakala ukuba nyangena ekulimeni ingqolo- i wa. Awusoze uzohlwaye ngokwenjenjalo. kwawo.

NGEVEKI egqitileyo ngolwesi-Tatu kube kuko intlanganiso enkulu yabamhlope balo. mzi ukuvakaliea incaso yokuvulelwa kotywa. la pesheya kwe Nciba. Umzi ubentliziyo nye ukuyicasa lento yenziweyo ngu Rulumeni. U Mr. Irvine uyivule ngenteto ebukali intlanganiso ebete yonke yashushu. Upikise inteto zabo bati kubonakele nknba utywala mabuvulelwe kuba bebusebubiwa kakade. Ulile kunene kukuba lento ihanji- swe ngapandle kokuba icetywe yi Palame- te. U Mr. Dyer, M.L.A., usekele walata ukungabimfanelo kwento eyenziweyo kuba akuko bani oke wati ufuna butengisiwe utywala. U Mr. H. H. C. Baker uvakalise ukumangaliswa kwake kukuba abe amafama awakavakali nangoku, kuba ukonakaliswa kwabantsundu butywala kutshatyalaliswa kwawo. Kutete u Rev. J. D. Don, no Rev. B. Ross no Rev. H. Gutsche ngecala labafu- ndisi. Zonke inteto zavunyelwa ngapandle kwenteto ezicasayo.

SINGA u Rulumeni angayipicota into esi. yibaliselwa ngumbhaleli omhlope okwa Qoboqobo yokuba umbuti mali yezindlu esuke wabiza isheleni ezintlanu ngapaya nangape- zulu kwento efunwa ngu Rulumeni kwabantsundu Umteto awuniki mandla ukuba badliwe ngoluhlobo abantu. |Ngelezihlamba u Rulumeni kwizenzo zika Di Biya angatwali izono ezingezizo ezake kuba abantu sebeyawati ngu Rulumeni lowo.

INDLELA yonke ka Mr. De Wet inevumba elibi. Kubonakala ukuba usebenzela ekube- ni agqite u Herodi ngoburalarume bake. Unyatela pezu kwabantsundu nakwa Ma. ngesi angengawo amalungu omanyano Iwa Mabhulu. Yiyo lento ihle e Gala ebaliswa kwipepa lase Dodoloro: —E Komani ukuzipata kwake u Mr. De Wet kwakukokokuzipakamisa nokwenzakalisa abantu; kodwa e Cala wasuka wanga ngati ulahlekene nentloko yake. Inkosi u Gecelo yati yakuva ukuba uyeza yeza nerola labantu bayo. Lo Ge- celo yinkosi engalwanga ngodunkunku apa Iwemfazwe yokngqibela. Ungene ke u Gecelo nabantu bake ukuza kubona u Mr. De Wet. osuke wamtetisa bukali u Gecelo esiti ubengenamfanelo yokuba eze e Cala enerola labantu ezingca ngobukosi. Uyakutshwa ebukosini ngu Rulumeni nento eninzi yolohlobo. Ehla Gecelo, wena ute ngokutobela u Rulumeni welahlekwa ngumhlaba wako, onangoku ubuze kuxhumisa Umpatiswa Micimbi Yabantsundu.

Yanyanisa imbongi eyati lento ukuta- ndana nokuhlalelana ngoxolo kunjenge mibete ye Heremoni. Kumandi kuti kunene ukuti bekungeko mvisisano inkulu pakati kwetu ne *Sigidimi* ngexesha elinga- pambili, kodwa sivumelana nento eninzi ebonakele kwesokugqibela. Ibingeinci- mbi nodushe apa wodwa obusahlule ku- wetu kodwa kwauemvo zake ngento ezipatelele kumzi ontsundu bezingasanelisi. Kusitomalalisa kunene ke namhla ukuba sibe nokufumana kuso inteto entle eyile: — " Hutshu ! hutshu !! hutshu ! I! — ihlabe emva komkono, yosela injengel' induna, umntwana wokuzalwa wase SIKOTILANI, osahleli nesondlo sakowabo, nesemfundiso yelizwi likaTixo, eli limfundise ngamanye amaqawe akade efela lenyaniso. Nanko kambe mzi ontsundu, lomfundisi wase Qonce ufele tina. Ubuyile ke oyisile, kodwa ke udlekile, kuba kaloku nani nisazi ukuba amatyala alo mbuso atetwa ngemali onke. Yibuteni mabandla antsundu, mkupeni kwelityala u Nyawontle osicaka sika Tixo u Rev. J. D. Don. Kupani elihlazo kuba amawabo seleyibuta, kanti ib' isiti abantu bokwenjenjalo. Itya- la lilonke ngati ngamakulu amahlanu eponti (£500). Ke, onesheleni, none tiki kuti sonke zikolo zabantsundu, mayibutwe itunyelwe kwi Mayor yase Qonce u D. T. Hockly, Esq. Nango umsebenzi zi bonda nenkosi zakowetu. Nango zititshala netolike ezisezi ofisini kupani ihlazo. Misani i-Komiti zalo msebenzi kwindawana zonke, nenze into ezimsinya singade sipangelwe ngamagwangqa."

Transkei.

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

November 30, 1885.

I Ronaskap yesipantsi kuka Rev. W. J. Hacker imiselwe ukuba se Gcuwa nge 9 ka December ozayo, kufuneka iyingqungqutela ndawonye kuba yindlala, akunakuhanjlswa esizwgui senkosi nganye.

Ngo Mvulo we 16 wayo lenyanga kubi- we inkabi yenkomo ka Capt. Veldtman, suke u Ngoloti kutiwe kuyeyalusa inkabi ezi zivela kulima entla komzi lo ka Lavisa, suke azishiye kusati ratya, kanti isela lite xwa kweli lika Lima lazitabata zafunyanwa kusasa kwelotafa Lomcubazi sezintlanu, enye seleyitatile amanye; azi ayakunqunyulwa ninina indlebeamasela.

Ute umfo obegqita inile nje imvula e Tutura amahashe atyebe kakulu, asuke afake ngangokuba ainankonyana ayapela kukubulawa ngamasi onina.

Imvula inile amasimi akangeleka ku- hle, umntu kubonakala ukuba makalime yindyebo kakulu. Oggite Ezazulwana uti, eka Capt. Veldtman ingqolowa ikangeleka ntle pambi kwendlu yake. Fan' ukuba yona eka Mr. Mazamisa ingqolowa seliza kunceda abantu.

Ovela e Toleni uti i teacher yakona ibi- belwa kakulu igusha zayo, suka yazilalisa endlwini etshixwayo, lasuka isela lahlahla indlu ngasemva lemnka nesihlanu senkabi, kute emkondweni kwacolwa incwadi engenagama lamntu, kodwa ibhalwe yimantyi yase Ngqamakwe uku- ba ubani lo makafumane utywala babe- lungu; ute wakulaldeka umkondo kwabanjelelwa apa encwadini; asazi eliyakutetwa ngumantyi ngelinxila lake lize kuqabula ngegusha ze teacher.

Baninzi apa e Mamfengwini abalingqi- nayo izwi elavakala kwi *Mvo,* lokuti lenyanga iba nobushushu nemvula solo- ko itwasile nje imi ngolohlobo kanye.

Nge 17 November u Samuel Kwatsha ubeze entlanganisweni yesiqingata, suke ati selelibopile ihashe lake xa agodukayo, waya kwa Jali Tombela, ute epuma seku- hlwile laye ihashe selitatyatwe lisela; lafunyanwa emva kwentsuku ezimbini seliqweshela apo lalitengwe kona. Ku- bonakala ukuba isela lalifuna isali nemi- kala, kuba lifunyenwe selingasenazo ao- nke. Lon to ke ininzi apa e Gcuwa, ubo- lumnka xa ungumhambi.

Uti ovela e Caba, kute kwesika B. Mal- rasi umninimzi evarashela igusha zake wabona isela seliyitwele enye, walitsibela ngomkonto, walinxula ngapandle kwe- mbombo, layilahla lamkumbula, lamo- yisa ngamandla, lahlala yezu kwake lamkama; kude kwanesitukutezi usapo, ukuti kuteni ubawo angabuyi, lwaya, Iwatika selegquma uyise, lwabiza abantu labanjwa isela. Kanti ikwayimimelwa- ne le ingamaqaba. Ifike imantyi ya- mgweba inyanga ezintandatu esebenza kanzima.

Abantu abebese Bika izolo bati bambo- nile efika kona umkangeli wezikolo u Canon Woodrooffe. Iungisani zi teacher kuzakumiwa emhlahlo ngezinyanga.

WHIN the convict arrived at the break, water he was informed he could work at any trade he pleased, and the prisoner replied " I'd like to keap on transport riding to the Fielde Another wanted to be a sailor.

U MR. DE WET NABATEMBU.

Ekubeni sivile ukaba u Mr. De Wet uyakuba se Queen's Town ngo 25 Nov. lo, sibe ngumnyama ukusinga kona, yangu. mntu kwamdaka. Sifikile sangena ngento entle esixekweni, ngababini-ngababini, sakutontelana ngase markeni ; sisiya sibuhlungu ngenxa yesipendu sofuduso olupakati kwetu. Senziwe sati cwaka sipulapule inteto ezakusingiswa kuti ngu Mr. De Wet; ote kwa ukuqala ukuvula umlomo :—" Ndiyamangaliswa ukunibona nilapa nina Batembu base G'en Grey; nibizwe ngubanina nilapanje, kuba andinibizanga, nifane nipika nabantu abati bayanitetelela babe kungeko nento bezenzela awabo amalungelo, ndiyakolwa nemantyi yenu ayinazi nilapanje ; hambani nimnke, nigoduke, ndiyakuba se Lady Frere ngo 27 Nov., apo ndohlangana nani kona, nditemba kanjalo ukuba nakumbona apo u Rulumeni ukuba ngumhlobo wenu wokugqibela." Watsho wekwitshi, wabangati u Mtembu andingependuli na, waselesitsho eqolo ubuso sebusinge 1®.

Ngo 27 November sibekelele kwakusasa sasinga e Lady Frere, sesihamba ngemizimba etyafileyo, 'ngenxa yempendulo enjengaleyo. Sifikile kona sahamba ngababini kungengangamntu, saya pambi kwe ofisi. Sakahlela sati A! De Wet. Emva koko kusuke u Mr. Jenner imantyi yetu wati: —"Ndiyavuya ukubona u Mr. De Wet eko pakati kwenu ingumhla wokuqala ndiyimantyi yenu abakoyo pakati kwenu ; u Mr. De Wet uzakunenzela inteto, aze emva koko apendule yonke imibuzo eniza kuyisingisa kuye, watsho wahlala pantsi.

Wesuka u Mr. De Wet wati: Zibonda nabantu besiqingata sase Glen Grey ndiyavuya ukunibona apa niko namhlanje kuba umcimbi mkulu kakulu esizakuteta ngawo, ngakumbi wolufuduso niti nina lufuduso mna ndingalubizi ngokuti lufuduso, ndisiti lutshintsbelwano ngendawo. Bekuya kulunga kakulu ukuba nibe niko ngokupela kwenu, nive nonke isigqibo se Palamente ngawo lomcimbi njengokuba ndiqonda ukuba nitate indlela zolahlekiso kulento. Kule Palamente igqitileyo elinye ilungu lavelisa indawo yokufuduselwa ku Qumbu naku Tsolo, ixoxiwe lento ipelele kwesigqibo sokuba ewe ukuba bayavuma kubekwe entandweni yabo, bazinyulele indawo abangayitandayo ngokwabo banganyanzelwa, ke u Rulumente ukupe indoda engawuhambisa kakuhle lomcimbi, londoda ke ngu Mr. Frost, enditetnbayo njengokuba ndizihonile izihambiso zake ukuba akanyanzelangamntu. U Mr. Frost ekufikeni kwake wenza intlanganiso yezibonda, wafika seninomoya wokuti uzokunifudusa, wanicazela ke ukuba akunjalo uze yena ngokutunywa ngu Rulumente, kubeka pambi kwabo umhlaba ka Qumbu no Tsolo ukuba bati abatandayo bazinyulele akuko lunyanzelo, nina ke nitata umoya wokuti u Rulumente uze kunifudusa namnkela umoya wolahlekiso, endingazi ukuba nawutata pina, kuba ndipaule kwisicelo enisitumele kum ngemantyi yase Queen's Town namhla naninkele umoya wabaxalisi, andazi ukuba bekutenina ukuba niye e Queen's Town niyishiye imantyi yenu, ndingatsho ukuti oko kuposizekile emtetweni, kodwa kukunganiki mbeko emantyini yenu, nto nibangele ukuba ndinibone nizihlwele e Komani ibiyintoni; nishiya imantyi yeau ; niyokwenza intlanganiso kona, koko abaxalisi abamana ukunilahlekisa, anditeni nezizatu abaugazinikiyo bona, kodwa nditata into enjengoko injalo. Anikahambiseki ngangokuba nibe nentlanganiso zenu nodwa njengale beninayo e Qoqodala; kusafuneka nikokelwe ngumntu omhlope, intlanganiso zenu mazibe pambi kwemantyi yenu le, ndinyanisekile ukuba benizise kuyo lomcimbi nibe niwuse kumantyi yase Komani, ngaye niqondisile kwaoko yaba lento ibingabanga njengoku injalo, kuba yona inazi ngapezu kwaleya yase Komani. Ndiyatemba ukuba niwuqo. ndisile ke lomcimbi u Rulumente ebewutumele Frost okokuba awunalunyanzelo njengokuba naye enganyanzelanga mntu. U Rulumente akasakuze afuduse mntu nokuba umnyama nokuba umhlope xa asalulamele umteto wake ezipete kakuhle. Enye indawo nicela itayitile zomhlaba asikuko nokuba lonto ilungile kodwa mandiniqondise: xa nihleli kakuhle nizirola irafu zenu, nilulamele imiteto ka Rulumente, kulomhlaba kunjengokuba senine tayitile zawo nakuba ke ita. yitile ezi zimenza umntu aqiniseke ngapezulu zona. Kulungile ukuba nizicele zona nihlangane nibe zwinye nitumele zwinye ku Rulumente ngemantyi yenu ; ke mna ndingenza yonke imizamo yokuba nizifuma ne itayitile zenu ndinganizamela ngako konke endinako ngazo naknba kuko indawo ezixakayo ekuninikeni nina bantu bantsundu itayitile ze fama nganye, noko lonto avinqandi mizamo ndingayenzayo ukuba manifumane itayitile zefama ngefama, nakwezoke ikwako enye indawaua exakayo kuba xa ifileyo enye indoda kulomadoda yosala nabanina londawo, kuba nina nizeka isitembu abafazi ngababini umtshato ke ongeko mtetweni we Koloni. Ibingalunga kanye lonto xa umteto owaka wangeniswa e Palamente ngamafa enu ude waqiniselwa, pezu koko ndiyakwenza yonke imizamo mna ukunizamela ukuba nizifumane iziqiniselo, (kwabetwa izandla). Ngoku ndonifundela ingxelo yemantyi yenu, eyenze ngawo lomcimbi wolufuduso ; yataho kaloku yagcuntsa ama. doda ngamagama awayebonakalise ukuba unyanzelo luko mhla ayeteta e Qoqodala entlanganisweni. Nanga lomadoda, H. Kalipa, T. Zwedala, J. Pelem, R. Twaku, Mhlanjeni &c. Wati, u Kalipa akateti uyaniso ukuti abantu bayalila babuhlungu kuba befuduswa ezindaweni zabo, ngokuba akuko mntu ususiweyo efameni yake. U T. Zwedala akateti nyaniso ukuti abantu banyanzelwa ngu Frost; kuba kulofama yake bonke abantu abafudukileyo beza kucela ngokwabo ku Frost, wabanika ipasi, nembuyiselo yamasimi abo. U James Pelem akateti nyaniso ukuti u Frost wati ifama ezintlanu, eyase Swaartwater, Vaal Bank, Bowden, Tsembeyi mazifuduke, ziti ukuba aziyi e Qumbu, singene kwindawo ezipakati kwe District; kuba wati u Frost yena ezofama zipakati kufupi nemihlaba yabelungu, ngako ukuba ziyatanda mazizinvulele indawo kwimihlaba eze pakati kwe District. U Pelem nguye umbangeli obangele isizwe ukuba sihlale emaxaleni, ngumxalisi Wesizwe apo yonke lento ivela kona kukuye, kanti yena akanalungelo kulomhlaba kuba ungu Mngqika, abefanele ukuzipata ngokuzola, ukuba angaba uko apa ndingavuya amnkele esisiyalo sam, azangabuye enze into enjengale yokuxalisa isizwe, kodwa ke naye njengoko senditshilo, ukuba uyakuzipata kakuhle, u Rulumente akakuze amsuse ; nani Batembu ezintlanganisweni zenu nimlumnkele kuba uzibonakalisa njengofundileyo pakati kwenu abe engumntu ongenalo neshishini alipeteyo esindwa ngumzimba wake, kodwa namhla sisamyala kodwa., ukuba azilumnkele.

Ke kundawo yezibonda ebezimisiwe ngokuba beziye entlanganisweni, izibonda azinamfanelo yokuya kwintlanganiso ezinjalo zize zifike zitete ... kuba zizicaka zikaRulumente, asiyomfanelo kanye ukuba ziye kwintlanganiso ezinjalo; ziposisile kanye, kodwa ke kuyabonakala ukuba ziyakuba ngababaxalisi, nemantyi ukuba zilahlekisiwe yazixolela, nam ke ndizixolele kodwa zezingabuye zipinde ziye kwintlanganiso ezinjalo. Kuqala mazibeke pantsi umsebenzi ukuba zitanda ukungena intlanganiso.

Ngokufuphi emva koko kusuke u Mr. S. Sigenu, wati: "Siyabulela ukubako kwaka apa, sidana yi nteto enjengale, imantyi lo besingasingise nto kuyo ngalento koko yiye ezifakayo, tina besisati isafika. Tino apa e Batenjini kwa ka Tato no Mtirara, umntuubekulela apa nokuba yi Mfengu nokuba ngu Mgcaleka kungatshiwo ukutiwa ngumnaketsi makanga
teti, kude kwaku Warner kunjalo sifike ke tina luhlanga luntsundu sinjalo ; oMtembu uyakulela kwa Ngqika no Gcaleka njalonjalo, njengokuba nasemlingwini tina siti kunjalo, knba i Bhulu liyamiswa lipate abantsundu nabamhlope,nom Scotch nom French njalo-njalo. Lento iyasindanise tina namhla sakuva into enjengale, knba tina inhlanga luntsundu siti entweni esizakuyiteta simise umntu abemnye oyakuba ngumlomo wetu, nanamhla ke senjenjalo, simise lomfana ka Pelem ukuze asiqnbele inteto yetu kuwe. (Kwabetwa izandla.) Kanjalo kulento yezibonda ziti zisateta zinqunyulwe imilomo, mhla kwaketwa izibonda tina apa e Batenjini kwamiswa amadoda abeziziteti kwase zinkosini, asaziswa ukuba asisokateta namhla, ukubake lento inje mabulahlwe ke ububonda (kwabetwa izandla, no ewe mabulahlwe), latsbo lahlala igeza lika Zokufa.

Wesuka umfo ka Pelem, wati: "njengo kuba sendisaziwa kusitiwa ndingumxalisi wesizwe, indawo yobuxalisi bam ndoka ndiyiveke okwangoku, ndobuya ngayo ndakugqiba inteto va Batembu, abandicele ukuba ndibaqnbele yona.

I. Into eyabanga isipitipiti pakati kwa Batembu kukutatyatwa kwefama ekwatiwa zitatyatelwa uloliwe, lonto yabavisa ubuhlungu Abatembu, bada badhala incwadi bayisa emantyini yabo u Mr. Driver ukuba ayigqitisele ku Rulumente, besala ukufuduswa; ute umantyi ekuyigqitiseni kwake, wabhala neyake ati kuyo—Abatembu bebevumile ukufuduka ahancamanga ke, batuma amadoda ukuya e Cape Town, yenye yalomadoda le iqale yateta u Sam Sigenu, nam, no Thomas Zwedala nomfundisi wetu obekekileyo u Mr. Warner, nomhlobo wetu osand ukusishiya u Petros Mahonga ; sifikile kona u Rulumente ute utanda ukusipata kakuhle; kanjalo asisokubuye sifnduswe ngapandle singade silwe naye masisebenze sonwabe; Abatembu balahlekwa zimali zabo ngawo lomhlaba nasoke isiqalo sobupitipiti nokungonwabi.

II. Emva koko sabona isicelo esatunyelwa ngama Bhulu, esitl: "u Rulumente makafuduse Abatembu e Swaartwater, Oscral, Vaal Bank, Bowden, Tsebeyi, kuba bayeba, ukuba akabafudusi bakubafudusa ngokwabo ngemipu. Sotuka yilonto sabhala incwadi, saoela u Rulumente ukuba ayale lonto, satsho sacela isiqiniselo somhlaba wonke (Tribal Tittle) ute ukusipendula u Rulumente umhlaba enihleli kuwo ngowexoba (crown lands) ngako wonke ubani owufunayo kuni bantsundu uyakuwutenga, ukuhlala enihleli ngako nisanyanyezelwe nje; yati ke lempendulo kuti yangqinelana nesasicelo sa Mabhulu, ngako sahlala ebuhlungwini obukulu.

III. Emva kokutu u DuPlessis e Palamente Abatembu besiqlnga sase Glen Grey mabafuduswe bangamasela; into engummangaliso indoda ukuba nepapu lokuti into engaka yesizwe ingamasela yonke, singapiki ukuti akako njengezizwe zonke, nati asiwatandi ukuba besinokunceda. Lento yasibangela ubuhlungu sakuyibona e Palamente ngamapepa endaba.

IV. Namhlanje kufike u Frost etunywe ukuza kuhambisa isigqibo se Palamente nga. lomcimbi, ubize intlanganiso; indawo eku. twa yayiyeyezibonda zodwa ngandiyipikisa ukuba ibingatetwa zinkosi, sendoti kodwa nokuba yayiyeyezibonda ke, kodwa yayikwangaka U Mr. Jenner" msukuyeka ngokuba nditshilo." U Mr. Pelem, inkosi indi. vumele ke mna nditi yayingeyazihonda, yayikwangangale mhla u Folosi wawungenisa umcimbi lowo. Sati sonke ngazwinye___asifnni kufuduka; ute yena kaniye kucinga. Ewe, simnkile, nto iyinyani izibonda azibanga naxesha emakaya ukuhlangana nabantu. U Folosi akemnkangake ase izwi letu, nto siyibonileyo upumile ngokwake wahamba pakati kwesizwe: kwati ke emkondweni wake kwafuduka abantu; kanjalo nkuba indawo yefama ezintlanu epikwayo namhla ukuba akazange ayikankanye ngakuyifudusa lonto ngendiyipikisa ukuba ayitetwa zinkosi, kodwa noko mandivunyelwe ukuba wazikankanya, wada walata emi apa, wati zingakangelelwa indawo nalapa, ukuba akunjalo ingaba indlebe zam zaposa ukuza, okanye itoliki ibe ayilungisanga, kodwa kwaba njalo.

V. Indawo inkosi le eyikankanyileyo ziqiniselo, siyibulela kakulu, kanye sitemba kanjalo ukuba xa i Palamente ingenayo sakuyibona imizamo yayo eyakusenzela emapepeni tina sifunda amapepa, kanjalo siqonda ukuba yiyonanto iyakubangela uku. ba bapele oxalisa abantu, (kwabetwa izandla) ingake inkosi yetu ingasizamela ngomxelo wonke wayo.

Kwindawo yam yokuba ndixalise abantu kanjalo ndingu Mngqika, ndingenalungelo apa, ndingati tina safundiswa ngabafundisi betu, abamana besiti kuti, yibani banye ningacalulani ngobunantsi-nobunantsi, kude kwangakumbi kulaulo esipantsi kwalo, lo Mntana omhle apo zonke izizwe zipetwe ngokufanayo kungeko kuketa luhlanga nabala ndiyonwaba ke; kodwa liyandotusa elilizwi litetwa yinkosi yetu, lokundahlula ngo uzwe. Asikuko nokuba ndidanile, nkuba iti imantyi yam endiyibeke kangaka, nendati kwamhla yafika apa ndenza icebo lokuba Abatembu beze kuyamnkela, endite

nangolufuduso xa abantu bebengxamele

Ukuyirorela; ndati kubo ningayiroreli imantyi, imele ukusebenza njengoko, njengesicaka sika Rulumente, kanti noko pezu kwalomizamo yam iti ukundivuza—Pelem ungu Mngqika, akunalnngelo apa uxalisa abantu. Nto mna ndiyaziyo njengabanyuli bonke ndiyanynlwa nga Batembu, ukuba ndibaka- ngelelele inowadi zabo, ngokoke pezu kokukuba bendicinga ukuba ndinelungelo kuba ndikwangumntu ontsundu, ngapezu koko ndinyuliwe, ngako ndinelungelo njengabo bonke abanyuli.

Emva koko kusuke u Thomas Zwedala, wati, mna ndandingeko mhla ngentlanganiso yokuqala, ndifikile ekaya bate kum Abatembu befama yam, ngomso u Folosi uyakuba Be Guba. Kuse ndikwela ndisiya kona, ndifike xa afikayo komnye umzi, ebala amasimi,

ute umnini masimi, "nali iboma nendlu yam '" ite impendulo, zitwale ezonto uye nazo e Qumbu. —Oh! yeka, u De Wet uyayilahlekisa intlanganiso, pendula lombuzo ngoku : lamntu wanyanzelwana nokuba watandela ?—U Thomas, ndinyamezele nkosi

ndiquba into endafika ndayibona ngawam amehlo. —Yayinto endala kujamelene lomadoda mabini ngalombuzo; wasele sifa nazwana oka Zwedala, kuba amadoda akafani, afana ngendevu zodwa. Ute u Zwedala ku- ndawo ekutiwa abantu befama bafudukile, ndiyayipikisa ngesisizatu. xa abantu bafu* dukayo bosiwa sibonda emantyini ukuya kubhala impahla yabo. —U Mr. De Wet uyifumana pi lonto? Akuko nto injalo, umntu unokuya nempahla yake emantyini wonke otanda ukukufuduka ayibhale ahambe. U Zwedala, tina lisiko esalinikwa zimantyi; kuba umntu angasuke abhale impahla yomnye umntu ngokuyiba emnke nayo, iko tina lonto apa, angavela oti akunjalo. U Zwedala akanikwanga tuba ngu De Wet, usuke wamana embeta emlonyeni, kuba ku ko amatumba ebeza kugqabnka entsebenzo ka Folosi.

Kusuke u Kalipa wati, mna nto nditeta ngayo ngabantu befama yam abangazange bacela nakufuduka, abasuke banikwa isaziso sokuba maze bati bakugqiba ukuvuna babatube, kodwa besala bona, yiyo ke into enditeta ngayo ezintlanganisweni.

Kusuke u Mankai Tabata wati, nam ndinabantu abanikwe kwa isaziso esinjengeso sakwa Kalipa, ababantu babefudusiwe nge- laxa lokufuduselwa uloliwe, abantu besikolo sakwa Ndonga, baza banikwa indawo ngasentla ko Ndonga, kwatiwa mabalime bonwabe kona ngu Mr. Driver no Saner, wabuye waleka, bada bakubela ; namhla ute u Folosi kubo " zeningabuye nilime nakugqiba ukuvuna, niyakumnka paya, yibani nifuna indawo ngako Ngcuka no Bungu, sekugqi. tyiwe utatyatiwe lomhlaba, u Driver wona ukunisusa ku Ndonga, abuye anibeke kwaku Ndouga." Bate abanye senze ntonina, ute akutshiwo ukutiwa kuko nto niyenzileyo, bate bona kugqitwe nabanina ke kuba aku- tetwanga nati; ute senisemva. Maze nibhale impahla yenu nentsapo zenu; bate bona asisokuyenza lonto, asivumi kufuduke. Ute ku Mankai uze ubhale impahla yalamadoda ati wona akakuyenza lonto. Ayibhale impahla yetu singamnikelanga. U Mr. De Wet, adiyivile into etetwa nguwe Mankai, ke ababantu bakufupi nomda wabelungu knyaku. hlala kuko izipitipiti namatyala, ke ngoko kulungile ukuba bafudulwe bafunelwe umhlaba onje kwangalowo, ndakutsho imantyi ize ibafunele umhlaba olungileyo olingana nalowo. Ute u Mankai bati baxolile ukwenzelana umda nabelungu kunokuba bafuduswe. Lanyatelwa ngenyawo kwatiwa imantyi iyakubafunela enye indawo; oku lomadoda inyembezi zipalala yonke lemihla; ekubeni enjenje u De Wet.

Emva koko kusuke enye yalamadoda u Stofel Nell wati, bendingazi mna ukuba u Rulumente uyaxoka naye, uteta futi kuba u Sauer wayete, anisokubuye nifuduswe. U Mr. De Wet, wavetenina pofu ukuba wayetshilo ukuze e Palamente angateti, kuba iyinto embi ukwapulwa kwezitembiso.

